





Eli bali lithetha ngoMgcini nekhaya lakhe lezilwanyana eziziinkedama.



Le nyanga iphelileyo ibixakeke kakhulu kweli khaya. UNomsa ononyaka omnye ezelwe waba ngokowokuqala ukufika. Wayebhityile ekhathazekile.



Kodwa ngokukhawuleza, uNomsa womelela. Waqalisa ukudlala nezinye izilwanyana.



Ngenye imini kulonyanga, kwafika inqwelo-ntaka kwelo khaya leenkedama.




Kulo nqwelo-ntaka kwakukho intshontsho lendlovu lombathiswe ngengubo enkulu.



UNdiwa wayephantsi kwengubo. Wayeneentsuku ezintlanu ubudala. UMgcini wancancisa uNdiwa ibhotile.



Ngobunye ubusuku, wonke umntu wavuswa kukufika kuka Ambia.



UAmbia wayeneenyanga ezintlanu ubudala. Wayebuthathaka emva kohambo lwakhe olude.



Ngenxa yentamo yakhe ende, uMgcini wayibambela phezulu ibhotile encancisa uAmbia.



Iinkedama zokugqibela ukufika kulo nyanga zilambile yayingamantshontsho uKopi, uKepi kunye noKeji.



UMgcini nabancedi bakhe bazithanda zonke izilwanyana, nditsho nezihluphayo.



Abantu abakwikhaya lenkedama basebenza ngamandla. Bathemba ukuba ngenye imini iinkedama zingakwazi ukuziphilela. Ezi zilwanyana zibuyele endle.

